



Province of the
EASTERN CAPE
EDUCATION

**NATIONAL
SENIOR CERTIFICATE**

IBANGA 12

SEPTEMBER 2018

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA – IPHEPHA 3

AMANQAKU: 100

IXESHA: liyure 2½



Olu viwo lunamaphepha ama-5.

IMIYALELO NENGCACISO

1. Eli phepha LINAMACANDELO AMABINI:

ICANDELO A: Izincoko	(50)
ICANDELO B: Imihlathi	(2 x 25) (50)

QAPHELA: Abaviwa kulindeleke ukuba baphendule imibuzo emiBINI kwiCANDELO B.

2. Phendula umbuzo ube MNYE kwiCANDELO A, kunye nemibuzo emiBINI kwiCANDELO B.
3. Bhala ngesiXhosa esamkelekileyo nesichanekileyo.
4. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.
5. Kunyanzelekile ukuba uyile (usebenzisa isazobe/itshati ebonisa ukuthungelana kweziganeko/amagama angundoqo, njl.njl.), uhlele uze uwufundise umsebenzi wakho. Qala ngoyilo PHAMBI kokuba ubhale izincoko nemihlathi.
6. Lonke uyilo maluphawulwe ngokucacileyo. Kuyacetyiswa ukuba ukrwele umgca onqumlayo kuyilo lonke.
7. Uyacetyiswa ukuba ulabe ixesha ngolu hlobo:
- | |
|---|
| ICANDELO A: Malunga nemizuzu engama-80 |
| ICANDELO B: Malunga nemizuzu engama-70 (2 x 35) |
8. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngendlela ekunonjolwe ngayo.
9. Masingathathelwa ngqalelo isihloko xa kubalwa inani lamagama.
10. Bhala ngokucekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: IZINCOKO**UMBUZO 1**

Khetha isihloko sibe siNYPE kwezi zilandelayo ubhale ngaso. Bhala amagama angama-340–390.

- 1.1 Andizange ndicinge ukuba ubuhlobo bethu bungaphela ngolo hlobo ... **[50]**
- 1.2 Ukulindela omnye umntu enze inguqu ebomini bakho kuneziqhamo ezimbolombini. **[50]**
- 1.3 litshomi zinefuthe kwizigqibo ozithathayo ngobomi bakho. **[50]**
- 1.4 Isityeba mva sinqol'intaba. **[50]**
- 1.5 Indlela yokuziphatha inendima eyidlalayo kwimpumelelo yomntu. **[50]**
- 1.6 Inguqu ezinokwenzeka xa urhulumente enokuphumeza isithembiso semfundo yasimahla. **[50]**
- 1.7 Qwalasela le mifanekiso ingezantsi wandule ukubhala isincoko esinesihloko esifanelekileyo.


1.7.1



[Ucatshulwe kwi-intanethi www.images.com waza wahlelwa]

[50]

1.7.2



[Ucatshulwe kwi-intanethi www.images.com waza wahlelwa]

[50]

AMANQAKU ECANDELO A: 50

ICANDELO B: IMIHLATHI

Khetha imihlathi ibe MIBINI kule ilandelayo ubhale ngayo. Bhala amagama ali-100–120 (umxholo kuphela).

UMBUZO 2**2.1 ILETA YOBUHLOBO**

Bhalela umzala wakho uvuyisane naye ngenkxaso-mali ayifumeneyo yokuqhubela phambili ngezifundo zakhe.

[25]**2.2 INTETHO**

Bhala intetho oza kuyenza kumbutho wolutsha okumeme ukuba uthethe ngokuphathwa gadalala kwabantwana.

[25]**2.3 INGXOXO**

Bhala ingxoxo phakathi kwesibini esizalanayo esibangisana ngelifa esilishiyelwe ngabazali.

[25]**2.4 ISIVI NELETA EKHAPHAYO**

Bhala ileta ucele umsebenzi, usebenzise esi sibhengezo siphuma kwiphepha-ndaba iSolezwe uze uthumele nesivi yakho.

KFC
ISITHUBA SOMSEBENZI WOKOJA INYAMA

Abanomnqweno wokufaka izicelo kumele ukuba babe:

- Ngabafundi abaneminyaka ephakathi kweli-16 ukuya kweli-18.
- Abafundi abenza ibanga le-11 nele-12.
- Abafundi abathetha iilwimi ezimbini nangaphezulu.
- Abafundi abangabemi boMzantsi Afrika nabanezazisi.

Izicelo mazithunyelwe kuMnu. Ndweba oyiManejala phambi komhla we-14 kuDisemba 2018 kule dilesi; KFC, 59 Main Street, Kimberly, 5411

[25]**2.5 INGXELO**

Bhala ingxelo ngetoyitoyi enocwangco obukuyo ephele ngobundlobongela.

[25]**2.6 ILETA YASEBURHULUMENTENI**

Bhalela umhloli wesikolo sakho ileta ukhalazele ukungabikho kwamabala okudlala kwisikolo senu.

[25]

AMANQAKU ECANDELO B: 50
AMANQAKU EWONKE: 100

